Isalathiso: 20190401-3256
Inombolo yefayili: 12/2/13/3/1
Imibuzo: N Dodgen

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0006/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli beSigaba esiPhakathi, kuBaququzeleli beKharityhulam ye*SEN*/*FET*, kuBacebisi ngeZifundo, nakwiiNqununu zazo zonke izikolo eziziiprayimari zikarhulumente eziqhelekileyo kunye nakwizikolo ezidibeneyo

Isihloko: Isaziso ngomasifundisane wophuhliso lootitshala beeSayensi zeNtlalo olwenzelwa bonke ootitshala bamaBakala 4 ukuya kwele-7

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lizibophelele ekuboneleleni ngophuhliso lootitshala olwenzelwa bonke ootitshala bamaBakala 4 ukuya ku-7 beeSayensi zeNtlalo.

2. Le ngcaciso imfutshane isebenza njengesaziso esiqingqiweyo esenzelwe ukwazisa bonke ootitshala **bamaBakala 4 ukuya ku-7 zeeSayensi zeNtlalo** ukuba uphuhliso lwezakhono zootitshala luya kuqhubeka ngolu hlobo lulandelayo:

Isihloko	**Ithuba/Umhla**	**Ithuba lexesha**
IiSayensi zeNtlalo (iJografi): AmaBakala 4–7	NgoLwesibini, 18 Juni 2019 – NgoLwesine, 20 Juni 2019	Uqeqesho luya kuqhubeka **iintsuku ezi-3**. Amaxesha emi ngolu hlobo lulandelayo: • NgoMvulo: Kuyabhaliswa ngo-08:00 • NgoMvulo nangoLwesibini: 08:30–15:30 • NgoLwesithathu: 08:30–14:00

3. Uqeqesho luya kuqhubekela kwezi ndawo zilandelayo:

IVeki 1: liSayensi zeNtlalo (iJografi) zamaBakala 4–7				
ISithili	**Indawo oqeqesho**	**Idilesi yendawo isikolo esikuyo**	**Ifoni**	**Igama lenqununu**
Metro North	Ravensmead Secondary School	C/O De La Rey Way & Ullswater Street, Ravensmead	021 558 1070	Mnu J Bouman
Metro Central	Bridgeville Primary School	58 Kiewiet Street, Bridgetown	021 637 1444	Mnu S Allies
Metro South	IOfisi yeSithili i*Metro South*	Protea Boardroom, AZ Berman Drive Mitchells Plain	021 370 2061	Nks L Bailey
Metro East	IOfisi yeSithili i*Metro East*	Belhar Rd & New Nooiensfontein Drive, Kuils River	021 900 7000	Mnu B Crombi
West Coast	Dirkie Uys Primary School	Reservoir Street, Moorreesburg	022 433 1082	Mnu F Smit
Cape Winelands	Worcester Gymnasium	Tulbagh Street, Worcester	023 347 0426	Mnu S Schoeman
Overberg	Overberg Primary School	20 Laing Street, Caledon	028 214 1590	Mnu M Koekemoer
Eden and Central Karoo	PW Botha College	Unie Street, George	044 874 4166	Mnu PW Myburgh

4. Mababhalise ekhompyutheni ootitshala phambi kwe-**18 Apreli 2019**.

ISithili	**Bhalisa apha:**
Metro North	http://bit.ly/MNEDGeographer
Metro Central	https://goo.gl/SuATXn
Metro South	https://docs.google.com/forms/d/e/1FAIpQLSdOjJjzVuCCTtUq5YuTetyEPiFlNRoeg7Nj7wUtnln5HMPrAg/viewform
Metro East	https://bit.ly/2T1UrAB
West Coast	http://bit.ly/WestCoastGEO
Cape Winelands	https://goo.gl/forms/Ch5oLrYzPBqq74G93
Overberg	https://tinyurl.com/y6qc6zuf
Eden and Central Karoo	http://bit.ly/eckedSS

5. **Ezimalunga nohambo**

5.1 Kuya kuhlawulwa isibonelelo sohambo, phantsi kwale miqathango ilandelayo:

- Makungqinisiswe ukuhanjwa kwayo yonke ikhosi yoqeqesho.
- Umgama uwonke ohanjiweyo wethuba **leentsuku ezintathu mawugqithe kwi-100 km.**
- Umgama uwonke okwenziwe isicelo sebango lawo sethuba **leentsuku ezintathu mawungadluli kumgama oyi-800 km**.

5.2 Izicelo zamabango ziya kuhlolwa ngokwezi khrayitheriya zilandelayo:

Usetyenziso lwemoto yakho	Kangangoko kunako, ootitshala mababelane ngezohambo. Kuphela ngumqhubi okanye umnini-sithuthi onokwenza ibango ngeekhilomitha ezihanjiweyo. Makudweliswe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlawulwa umyinge omiselweyo oyi-R3,00 ngekhilomitha nganye. Umthamo wenjini awusayi kusetyenziswa.	
Usetyenziso lweklabhu yelifti (ehlawulwayo okanye esimahla) kwimoto yakho	Kuphela ngumqhubi okanye umnini-sithuthi unokwenza ibango leekhilomitha ezihanjiweyo. Makudweliswe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlawulwa umyinge omiselweyo oyi-R3,00 ngekhilomitha nganye. Umthamo wenjini awusayi kusebenza.	
Usetyenziso lwebhasi yesikolo	Isikolo masifake ileta echaza ukuba kwakusetyenziswe ibhasi yesikolo ukuza kule khosi, nokuchaza amagama abakhweli kwakunye nomgama ohanjiweyo. Kuya kuhlawulwa umyinge omiselweyo oyi-R3,00 ngekhilomitha nganye. Umthamo wenjini awusayi kusebenza.	
Usetyenziso lombonelelinkonzo obhalisiweyo *Qaphela: Makufumaneke imvume kwangaphambili ebhaliweyo esuka kumququzeleli weGET wesithili.*	Inyathelo 1	Isikolo masifumane iikoteyishini zibe ntathu phambi kokuqhubeka koqeqesho.
	Inyathelo 2	Isikolo masingenise ezi koteyishini kumququzeleli we*GET* wesithili. Kuya kwamkelwa eyona koteyishini isezantsi ngokwamaxabiso.
	Inyathelo 3	Umququzeleli we*GET* makanike inqununu isiqinisekiso esibhaliweyo sokuba inkonzo leyo ingafumaneka ngemvumelwano.
	Inyathelo 4	Isikolo masilungiselele ukuqeshisa ngenkonzo leyo.
	Inyathelo 5	Emva kokuba yenziwe inkonzo, **isikolo** masihlawule umboneleli-nkonzo yaye sifumane irisithi.
	Inyathelo 6	Ukwenzela ukuba isikolo sibuyiselwe imali, isikolo masingenise ileta kumphathi ojongene namabango echaza ukuba kwasetyenziswa umboneleli-nkonzo, kudweliswe ukuba kwasetyenziswa umboneleli-nkonzo, amagama ababekhwelisiwe kunye neenkcukacha zomgama ohanjiweyo. Makuqhotyoshelwe iikoteshiyini, imvume

		yomququzeleli we-*GET* ne-invoyisi yokugqibela ehlawulweyo.
	Makugcinwe onke amaxwebhu njengobungqina ukwenzela umphicothi-ncwadi wangaphakathi. I-*WCED* iya kubuyisela imali isikolo **kuphela** sisakuba sifumene amaxwebhu asayiniweyo, kuqukwa nemvume eyincwadi ebhaliweyo ekhutshwe kwangaphambili yomququzeleli we*GET* wesithili. Ootitshala mabenze amalungiselelo okukhwelisa abantu abaliqela bebathatha kwindawo efikeleleka kumntu wonke.	
Usetyenziso lwezithuthi zikawonkewonke, umz. iiteksi, ibhasi okanye uloliwe ukuhamba umgama omfutshane	Kumabango makubhalwe indawo apho kuqalwa khona uhambo nalapho kuphelwa khona kwisigaba ngasinye sohambo. linkqubo zembuyiselo yemali ziya kwenziwa ngokwemiyinge emiselweyo. Kunokucelwa ubungqina (obungamatikiti) ligosa elijongene nezicelo zamabango ukwenzela ukuba ibango libe nokungqinisiswa ngokusemthethweni. Makungenziwa mabango eemali ezihlawulwe kwii-*metered taxi*).	

6. **Iindawo zokulala nokutya (oku kusebenza kwizithili zasemaphandleni kuphela)**

6.1 Iindawo zokulala nokutya (isidlo sakusasa nesidlo sangokuhlwa) ziya kunikwa **phantsi kwale miqathango ilandelayo:**

- Umgama wokuya kwindawo ekuqhutyelwa kuyo uqeqesho **mawudlule ku-60 km** ukuya kwicala elinye, o.k.t. mayibe ngumgama we-120 km ukuya nokubuya.
- Makungqinisiswe ukuhanjwa ngokupheleleyo kwekhosi yoqeqesho.
- Ukubhalisa makwenziwe kugqitywe kwangenxa engaphambili.
- Mazifezekiswe ngokupheleleyo iimfuno ezibhalwe ku-6.3 apha ngezantsi.
- Kunokukhethwa into ibe nye kuphela (jonga ku-6.3 ngezantsi) yaye ootitshala abasayi kubuyiselwa mali ngako nakuphi na ukutshintsha okanye ngokuba besebenzise enye indawo yokulala.

6.2 Kuya kunikwa indawo yokulala ukususela ngomhla wokuqala ukuya kutsho kumhla wokugqibela wekhosi yoqeqesho, kukho nokukhetha ukutshekhina ngo-14:00 nango-17:00 ngosuku olwandulela ukuqala kukamasifundisane.

6.3 Ootitshala abakufaneleyo ukufumana indawo yokulala banokubhalisela ENYE yezi zinto zikhethwayo zilapha ngezantsi:

Indawo yokulala ehostele	Kuya kubonelelwa ngendawo yokulala ehostele <u>ngaphandle kwantlawulo kootitshala</u>. Kuya kusebenza le miqathango ilandelayo: Ootitshala mababelane ngamagumbi. Ootitshala mabaze nezinto zabo zokulala, iitawuli kunye nezinto zokuthambisa. Ixesha lokufika ngoMvulo (nge-17 Juni 2019) lisusela ku-15:00 ukuya ku-17:00 kuphela.
Amaziko	Kuya kusebenza le miqathango ilandelayo:

<table>
<tr><td>okukhathalela iindwendwe abhalisiweyo Umz. Ibhedi nesidlo sakusasa, indlu yeendwendwe okanye ihostele</td><td colspan="2">Kunokwenziwa isicelo sebango ukuya kutsho ku-R400 ngosuku ngalunye ukwenzela isidlo sangokuhlwa, ibhedi kunye nesidlo sakusasa.
I-invoyisi yentsusa esuka kwiziko elo mayisanwe ngabantu ababini (countersigned) oko kusenziwa ngumenzi-sicelo ize ingeniswe kwikhosi leyo yoqeqesho.
Ukuhlawulwa kwezicelo ezineenkcukacha ezingaphelelanga okanye ezifike emva kwexesha akunikwa ngqiniseko.</td></tr>
<tr><td>Indawo yokulala yosapho/yezihlobo</td><td colspan="2">Kuya kusebenza le miqathango ilandelayo:
Kunokwenziwa isicelo sebango ukuya kutsho ku-R260 ngosuku ngalunye ukwenzela isidlo sangokuhlwa, ibhedi kunye nesidlo sakusasa.
Isicelo sebango masikhatshwe yi-afidavithi efungelweyo esuka kwisizalwana/kwisihlobo esichaphazelekayo, esinesignitsha yabantu ababini (countersigned) ngumenzi-sicelo yaye ingeniswe kwikhosi yoqeqesho.</td></tr>
<tr><td>Iimvumelwano zokurenta zexesha elifutshane/zokuqeshisa</td><td colspan="2">Kuya kusebenza le miqathango ilandelayo:
• Isikolo siya kuba noxanduva lokwenza amalungiselelo okulala nentlawulo (zonke iindleko zesidlo sangokuhlwa, ibhedi kunye nesidlo sakusasa) yoko.
• Makulandelwe inkqubo esemthethweni:</td></tr>
<tr><td rowspan="5"></td><td>Inyathelo 1</td><td>Isikolo masingenise ileta eya kumququzeleli weGET, kwangethuba, sicele ukusetyenziswa kweziko elirentisayo ukulungiselela iqela lootitshala. Makunikwe iinkcukacha zendawo yokulala, kuqukwa imvumelwano yokuqeshisa, kwanamagama ootitshala.</td></tr>
<tr><td>Inyathelo 2</td><td>Umququzeleli weGET makanike imvume ngencwadi ebhaliweyo. Akukho malungiselelo anokwenziwa agqitywe ngaphandle koku.</td></tr>
<tr><td>Inyathelo 3</td><td>Isikolo masihlawule yaye singenise irisithi namaxwebhu akhaphayo (okuqeshisa nokunika imvume yomququzeleli weGET) kwikhosi yoqeqesho.</td></tr>
<tr><td colspan="2">• Isicelo sebango siya kuthathwa njengebhili enye, ehlawulwa kwisikolo eso.
• Kuya kuhlawulwa isixa esiphezulu se-R250 ngosuku ngalunye kutitshala ngamnye — oku kuquka iindleko zokulala, ezesidlo sangokuhlwa, ezebhedi kunye nesidlo sakusasa. Isixa kanye esibuyiselweyo siya kuthi, nakuba kunjalo, sixhomekeke kwiindleko ncakasana, ukuya kutsho ubuninzi kwi-R250 ngomntu ngamnye ngosuku. Naziphi iindleko ezingaphezulu kwesi sixa azisayi kuhlawulwa yiWCED.
• Zonke iirisithi zokutya eziyintsusa, amaphetshana eethili, njl. njl. makafakwe nengcaciso esisishwankathelo.
• Sisonke isicelo sebango masifakwe njengebhili sikhatshwa yileta enika ingcaciso (covering letter) esuka esikolweni ihamba nawo onke amaxwebhu ayintsusa.</td></tr>
</table>

7. **Indlela yokufaka isicelo sokwenza ibango**

7.1 Bonke ootitshala abanqwenela ukufaka isicelo sebango mabazalise le Fom yeeNkcukacha zeBhanki (*Bank Details Form*) iqhotyoshelweyo bayifake kwi-ofisi ejongene namabango kwindawo ekuqhutyelwa kuyo uqeqesho ngosuku lokuqala. IFom yeeNkcukacha zeBhanki (*Bank Details Form*) mayifakwe isitampu yibhanki kungeniswe ifom eyintsusa (***original***) kuphela. Akusayi kwamkelwa zifeksi okanye zifotokopi. Ootitshala mabazalise le fom **phambi** kokuba uqeqesho luqale (oko kukuthi, fika kwindawo yendibano nale fom sele izalisiwe).

7.2 Zonke izicelo zamabango mazikhatshwe ngamaxwebhu ayintsusa . Akusayi kwamkelwa zifeksi okanye zifotokopi.

7.3 Abenzi bezicelo zamabango baya kuhlawulwa imbuyiselo kuphela emva kokugqitywa kwekhosi yoqeqesho yaye ngoko ke kuya kufuneka ukuba bahlawulele iindleko zabo kwasekuqaleni. Apho kuyimfuneko, kucelwa izikolo zincedise ootitshala ngokuphathelele koku. Makugcinwe ubungqina beentlawulo.

7.4 Iimali zembuyiselo ziya kwenziwa kuphela emva kokuqwalaselwa ngobunono kwezicelo zamabango, yaye i*WCED* inelungelo lokwenza isigqibo sokugqibela apho kukho ukungangqinelani okanye ukungathotyelwa komgaqo khona.

7.5 Zonke izicelo zamabango mazifakwe kwindawo ekuya kuqhutyelwa kuyo uqeqesho apho amagosa aya kufumaneka khona ukunceda abenzi bezicelo zamabango.

7.6 Azisayi kwamkelwa izicelo zamabango ezifika emva kwexesha okanye ezineenkcukacha ezingaphelelanga, ngaphandle kokuba kukho iimeko ezixolelekayo ngokukodwa, yaye imbuyiselo yemali kungenako ukuqinisekwa ngayo.

8. **Imibuzo**

Ukuba ootitshala banayo nayiphi eminye imibuzo, kucelwa bangathandabuzi ukuqhagamshelana nomququzeleli we*GET* wesithili:

ISithili	**UMququzeleli we*GET***	**Ifoni**	**I-imeyili**	**Ifeksi**
Metro North	Malefo Makena	021 938 3104	Malefo.Makena@westerncape.gov.za	021 938 3183
Metro Central	Karenza Harrison	021 514 6770	Karenza.Harrison@westerncape.gov.za	086 236 1892
Metro South	Lorraine Bailey	021 370 2041	Lorraine.Bailey@westerncape.gov.za	021 372 1856
Metro East	Benjamin Crombie	021 900 7051	Benjamin.Crombi@westerncape.gov.za	086 664 2631
West Coast	Ulande Europa	021 860 1569	Ulande.Europa@westerncape.gov.za	086 590 0730
Cape Winelands	Edgar Johannes	023 348 0605	Edgar.Johannes@westerncape.gov.za	086 555 0261

Overberg	James Daniels	028 214 7363	James.Daniels@westerncape.gov.za	028 214 7400
Eden and Central Karoo	Marietjie Beukes	044 803 8400	Marietjie.Beukes@westerncape.gov.za	086 603 7615

9. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beeSayensi zeNtlalo bamaBakala 4−7 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE : NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2019-04-09

PROVINCIAL GOVERNMENT WESTERN CAPE

PGWC 006

BAS ENTITY MAINTENANCE
BANK DETAILS

DEPARTMENT

OFFICE

System User Only	
BAS Ref No.	
Captured By:	
Date Captured:	
Authorised By:	
Date Authorised:	

Bank Details

DETAILS OF FIRM / INSTITUTION:

Name

Address

E-mail address

Contact Person **Tel. No.**

I/We ..... hereby request and authorise you to pay any amounts which any accrue to me/us to the credit of my/our account with the mentioned bank.

I/We understand that the credit transfers hereby authorised will be processed by computer through a system know as the "ACB ELECTRONIC BANK TRANSFER SERVICE", and I/We also understand that no additional advice of payment will be provided by my/our bank, but details of each payment will be printed on my/our bank statement or any accompanying voucher.(This does not apply where it is not customary for banks to furnish bank statements).

I/we understand that a payment advice will be supplied by the Department in the normal way, and that it will indicate the date on which funds will be available in my/our account.This authority may be cancelled by me/us by giving thirty days notice by prepaid registered post.

Initials and Surname	Authorised Signature	Date dd/mm/ccyy
		/ /

Name of Bank

Name of Branch

Branch Code

Account Number

Type of Account ☐ **Current Account** ☐ **Other (specify)** ……..

☐ **Savings Account**

☐ **Transmission Account**

DATE STAMP OF BANK
BANK ACCOUNT PARTICULARS
CERTIFIED AS CORRECT

FOR OFFICE USE ONLY

APPROVED BY HEAD OF OFFICE

Print Name:

Signature:

Date: